

Uphumlo LweSabatha



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki: *Gen. 1:26, 27; Gen. 9:6; 2 Pet. 2:19; Roma 6:1–7; Eks. 19:6; Yohane 5:7–16.*

Indima Yenkumbulo: “Uya kwenziwa wonke umsebenzi ngemihla emithandathu, ke umhla wesixhenxe uyiSabatha, yintlanganisano engcwele. Ze ningenzi namnye umsebenzi ngawo, yiSabatha kaYehova emakhayeni enu onke” (*Lev. 23:3, NKJV*).

Siva iindidi ngeendidi zengxoxo ezichasa ukugcinwa kweSabatha, akunjalo? Siva yonke into kususela kwethi uYesu wayiguqula iSabatha yangeCawa, okanye uYesu wayibhangisa iSabatha, okanye uPawulos wakwenza oko, okanye abapostile bamisa iCawa endaweni yomhla wesixhenxe ukuhlonipha uvuko, njalo njalo. Kwiminyaka yakutsha nje, ezinye iingxolo ziye zaphucuka, zibanga, umzekelo, ukuba uYesu uluphumlo lwethu lweSabatha, ngoko ke, asidingi ukuba sigcine usuku okanye nawuphi umhla ngcwele. Phofu ke, ziya kuhlala zikho iingxoxo, zixakile kunjalo nje, ngokuthi ngokuphumla ngosuku lwesixhenxe ngandlela ithile, sizama ukusebenza indlela yethu eya ezulwini.

Kwelinye icala, amanye amaKristu asuka abe nomdla kakhulu kwingcamango yokuphumla, yemini yokuphumla, kuze kuthi, nangona esithi loo mini yiCawa okanye ayinamsebenzi, anyule kwingcamango yeBhayibhile yokuphumla nokuba kubaleke ngokuba kutheni.

Phofu ke, singamaSeventh-day Adventists siyakuqonda ukuma ngonaphakade komthetho wesine, njengoko usitsho, ukuba asikuko ukusebenza indlela yethu eya ezulwini kwanjengoko kunjalo nokuthobela eminye imithetho, owesihlanu, owesithandathu owokuqala, nokuba nguwuphi umthetho.

Kule veki siza kuqwalasela ngakumbi kuphumlo uThixo asinike lona kumthetho weSabatha nokuba oko kubaluleke ngokuba kutheni.

**Funda esi sifundo ukulungiselela iSabatha kaSeptemba 4.*

ISabatha Nendalo

Kuyo yonke imiThetho eliShumi, ngowesine kuphela oqala ngesenzi “Khumbula.” Ayithi, “Khumbula, uze ungebi,” okanye “Khumbula, uze unganqweni.” Kukho kuphela u“Khumbula umhla weSabatha. . .”

Into ithi, “ukukhumbula” kuthetha ukuba kukho imbali, kuthetha ukuba kukho into eyenzekayo kwixesha eladlulayo esidinga ukuba siyikhumbule kakuhle. Xa sikhumbula sizihlanganisa ixesha eladlulayo, abe u“Khumbula umhla wesabatha, ukuba uwugcine ngcwele” ebonisa umgca ohamba ngqo ubuyela emva kwiveki yeNdalo ngokwayo.

Funda: Genesis 1:26,27 noGenesis 9:6. Zisifundisa ntoni ezi ndima ngokukhetheka ngendlela eyodwa kwethu singabantu, nokuba sahluke kakhulu kangakanani kwenye indalo kaThixo yasemhlabeni? Ukongeza, kubaluleke ngantoni ukuba siwuqonde umahluko?

Xa sikhumbula indalo, sikhumbula ukuba sidalwe ngomfanekiselo kaThixo, into engazange ithethwe nangayiphi enye into ebalwe kwingxelo yeNdalo. Kucacile ukuba, singabantu, sahluke kakhulu kuso nasiphi esinye isidalwa kule planeti, akukhathali nokuba sineeDNA esifana ngazo nezinye izilwanyana.

Kunjalo, ngokuchasene nemfundo ethandwayo ngengqokelela yoothixo, thina asanelanga kungabi ziinkawu eziphucukileyo okanye inguqulelo eguquke kakhulu yezilwanyana zakudala. Njengabantu, abenziwe ngokomfanekiselo kaThixo, sahlukile phakathi kwako konke uThixo awakudalayo kulo mhlaba.

Ibali leNdalo lisikhumbuzo njani ngolwalamano lwethu nendalo? Genesis 2:15, 19.

Ukuqonda ukuba uThixo wadala nomhlaba wethu kusikhumbuzo ngomthwalo esinawo ngakwindalo. Kufuneka sibe “nobukhosi” phezu kwendalo. Ukuba nobukhosi akuthethi ukuyixhaphaza. Kufuneka silawule njengabameli bakaThixo. Kufuneka sisebenze nendalo njengoko ebeya kwenza njalo uThixo.

Ewe, isono sonakalise sachithachitha yonke into, kodwa lo mhlaba useyindalo kaThixo, kwaye akukho nto isinika ilungelo lokuwuphatha kakubi, ngakumbi kude kubekwe ubomi babantu engozini, njengoko kukholisa ukuba njalo.

Ngaphandle kokuba sisikhumbuzo sokuba uThixo unguMdali, zeziphi ezinye iindlela okuthi ukugcina iSabatha kusenze sikuqonde ngakumbi ukudinga kwethu ukuba sibe ngamagosa alungileyo oko kusijikelezileyo?

Ukuvuyela Inkululeko

Njengoko sibonile ngaphambili, iSabatha yalatha ngaphaya kwemihla nje yendalo. Okwesibini sisiva imiThetho eliShumi, uMoses uhlola iminyaka ema-40 uIsrayeli esentlango. Ngoku, intetho enika isizathu sokugcina ngewele iSabatha asikho ngendalo kodwa ngokukhululwa ebukhobokeni nakwimbophelelo yaseYiputa (*Dut. 5:12–15*).

Nangona ke, namhlanje, singengawo amakhoboka aseYiputa, sinako ukukhangelana nolunye uhlobo lobukhoboka, olo, ngandlela ithile, lunokucinezela ngokufanayo.

Zeziphi ezinye iindlela zobukhoboka esijongene nazo namhla? Funda: Genesis 4:7, Hebhre 12:1, no-2 Peter 2:19.

ISabatha ingumbhiyozo wenkululeko kuzo zonke izinto ezisigcina sisemakhamandeleni. NgeSabatha, siyakhunjuzwa ukuba ikho inkululeko esonweni, kungengawo awethu amandla kodwa ngamandla kaThixo, esivanikwa ngokholo. Sikwakhunjuzwa ukuba le nkululeko asiyizuzi njengomvuzo. Amazibulo akwaIsrayeli asindiswa ngegazi lemvana elaqatywa emigubasini ngorhatya lwaphambi kweMfuduko ukusuka eYiputa (*Eksodus 12*). Nathi, ke ngoko, sisindiswa ngegazi leMvana, saye ngoku sihamba enkululekweni eyeyethu kuKristu Yesu.

Funda: Roma 6:1–7. Uthini apha uPawulos ngoko kunokuhlanganiswa nesikunikiweyo kwiSabatha?

Kumazwi kanye eDuteronomi 5:15—“ukhumbule ukuba ube ulikhoboka ezweni laseYiputa, wakukhupha khona uYehova uThixo wakho ngesandla esithe nkqi”—abantu bakhunjuzwa, kwakhona ukuba yayingumsebenzi namandla kaThixo ngenxa yabo okwabasindisayo. Kukanganani ke kuthi esimele, njengamaKristu, ukuqonda ukuba, kuphela ngumsebenzi namandla kaKristu ngenxa yethu asisindise esonweni?

Lo myalelo usixelela ukuba siphumle elusindisweni athe uThixo wasizuzela lona ngengalo yaKhe enamandla. Sikhululwe kweyethu imizamo yobulungisa njengoko sikhumbula ukuba uThixo unguMdali nokuba sinako ukumthamba ukuba nathi asidale ngokutsha, asikhulule ngoku, kwimbophelelo yesono ukuba sinentumekelelo ukuba asebenze ngaphakathi kwethu.

Athini amava onawo ngobukhoboka besono? Singakufunda njani ukuthabathela kuthi izithembiso zenkululeko esizinikiweyo nguYesu kobo bukhoboka?

Owasemzini Emasangweni Akho

Funda: Eksodus 19:6. Isixelela ntoni le ndima ngomgangatho kaIsrayeli wakudala? (*Bona naku-1 Pet. 2:9.*)

UIsrayeli wabizwa ukuba aphume eYiputa abe ngabantu bakaThixo bomnqophiso, uhlanga ebekuya kuthi ngalo, xa beye bahlala bathembeka, iindaba ezilungileyo zisasazwe emhlabeni. Ngaphandle kwentandabuzo, babengabantu awayejonge kubo uThixo ngenkathalo nolangazelelo olulodwa, ebanike amalungelo awodwa, kwangelo keshha linye, benikwe umthwalo owodwa.

Funda: Eksodus 23:12. Yintoni enye eqhubekayo apha? Isifundisa ntoni le ndima ngendlela uThixo ababona ngayo abanye abantu ngaphandle kwamaIsrayeli ngokwawo?

Ukuba yinto yehlabathi lonke kweSabatha yinto abantu abaninzi abayiphosayo. Phofu, eyona mpazamo ixhaphakileyo yeyokuba yayiyeyama Yuda kuphela, impazamo etyhilekayo kwizahluko ezibini zokuqala zeGenesis. Ngapha koko, uThixo wabadala bonke abantu; ngoko ke, bonke abantu kufuneka bakhumbule umhla weSabatha.

Nangona kufuneka sisoloko sikugcinile engqondweni oko kumelwe yiSabatha kuthi, kukwafuneka sikhumbule, kanjalo, ukuba imele ukusixelela ntoni ngabanye, nabo. Ngandlela ithile, ukuphumla kwethu nokwalamana kwethu noMdali noMhlanguli wethu kuya kusenza sikubone kuzenzekela ngokwako ukukhangela abanye ngamehlo amatsha sibabone bengabantu abadlalwe nguThixo njengoko sidaliwe nathi, abathandwa nguThixo omnye osithandayo nathi nowabafelayo njengoko wafela nathi. Njengoko sesibonile (*Eks. 20:10, Dut. 5:14*), izicaka, abasemzini, nezilwanyana kufuneka konke kunikwe uphumlo lweSabatha.

Ukuze nabasemzini abaphakathi kwamasango akho, ukutsho nabo bangekabi nabo ubudlelane namadinga omnqophiso anikwa uIsrayeli-ukuthi nabo bonwabele uphumlo lweSabatha, kuthetha okukhulu. Abantu, nezilwanyana, akufuneki baxhatshazwe, baphathwe dlakadlaka, baqhathwe. Zonke iiveki, amaHebhere (kunye nathi) kufuneka sikhumbule ngamandla ukuba sifana ngantoni nabanye abantu, nokuba sonwabela iintsikelelo namalungelo abangawaxhamliyo, kufuneka sikhumbule ukuba siseyinxalenye yosapho loluntu, ngoko ke, simele sibaphathe abanye ngentlonipho nesidima.

Ukugcina kwakho iSabatha, mhlawumbi, kungayintsikelelo njani kwabo bangayigciniyo iSabatha? Oko kukuthi, ungayisebenzisa njani iSabatha njengobungqina kwabanye?

Ukukhonza Abanye Kuzukisa ISabatha KaThixo

Kwilizwe leTestamente eNtsha, iinkokeli zenkolo zayithoba iSabatha yayimini yobugcisa ekwenzeni izinto. Kwabakho iqela lezithintelo nemithetho emiselwayo ukunceda ukugcina iSabatha ngcwele.

Oku kuquka ukwalela ukubopha okanye ukukhulula nantoni, ukwahlula imisonto emibini, ukucima umlilo, ukuthwalwa kwento isuswa ekhaya isiwwe kwindawo yabantu bonke, okanye ukuthwala into ihanjiswe ngaphezu komgama omisiweyo phambi kwabantu.

Sithini isimangalo awatyholwa ngaso uYesu kuYohane 5:7–16?

Zathi zingawuhoyanga ngokupheleleyo ummangaliso omkhulu awawenzayo uYesu, nenkululeko kwisifo awayinika lo mntu, iinkokeli zazixakekisa ngokuba lo uphilisiweyo eye wathwala umandlalo wakhe esidlangalaleni ngeSabatha. Kunokuba zibone indlela “iNkosi yeSabatha” (Marko 2:28) eyisebenzise ngayo le mini ikhethekileyo, iinkokeli zazijonge ukugcina imithetho nemiyalelo yazo. Siyakudinga ukuba sikulumkele ukuba ngeyethu indlela nakweyethu imeko singazenzi iimpazamo ezinjengezo.

Ulsaya 58:2, 3 uwandlala njani umcimbi wokugcinwa kweSabatha?

UThixo akalufuni unqulo olungaphethe nto okanye ubungcwele obuthuleyo. Ufuna ukubabona abantu baKhe bexakeke kunye nabanye abantu, ngakumbi abacinezweyo nababukulwayo.

Ulsaya ukubeka oku kucace kakhulu kuIsaya 58:13, 14: “ ‘

Ukuba uthe walubuyisa unyawo lwakho kwisabatha, ukuba ungenzi okunanzileyo ngomhla wam ongcwele; wathi ukuyibiza isabatha isisonwabiso, ingcwele kuYehova; wathi inozuko, wayizukisa ke ngokungenzi iindlela zakho, ngokungafumani okunanzileyo, uthethe intetho ezingeni; uya kwandula ukuziyolisa ngoYehova, ndikukhweli le emimangweni yomhlaba, ndikudlise ilifa likaYakobi uyihlo; kuba umlomo kaYehova uthethile” (Isa. 58:13, 14).

Ukulandela ezethu “iziyolo” (Isa. 58:13, okanye oko “sikuthandayo,” ngokutsho kweNRSV apha) kuyafana “nokunyhasha iSabatha” (NRSV). Imicimbi yabantu ayiyonxalenye nomgangatho omiswe nguThixo. Endaweni yoko, siyamenywa ukuba sikhangele abo batsala nzima, abathinjwa, abalambileyo nabaze, abahamba ebunmyameni nabamagama abo angakhunjulwa mntu. Ngaphezu kwawo nawuphi umhla weveki, iSabatha ifanele ukusikhupha kuthi nokutsalela kuthi isenze ukuba sicinge ngakumbi ngabanye neentswelo zabo kunokuba sicinge ngathi neentswelo zethu.

Umqondiso Wokuba SingabakaThixo

Ngexesha lemfazwe yehlabathi yesibini [World War II], iNgilane yayilindele uhlaselo olukufuphi lomkhosi wamaJamani. Kwenziwa amalungiselelo okusikhusela isiqithi esilikhaya kangangoko. Iinqaba ezongeziweyo zamiselwa ngaselunxwemeni. Iindlela, nazo, zaziza kulunika utshaba ezona ndlela zikhawulezileyo zokufeza iinjongo zazo, kwaza, ngenxa yoko, kwamiswa izithintelo kwiindawo ezibalulekileyo. Amagunya amaNgesi aya enza into engaqhelekanga. Ukuze alucothise aludide utshaba, imiqondiso yoololiwe yasuswa nemiqondiso yendlela yabekwa phantsi. Iimpawu ezikrolwe ematyi okanye kwizakhiwo zazingenako ukuthotywa, kodwa zagqunywa ngesamente.

Imiqondiso ibalulekile. Isebenza njengezikhombisi nezikhokelo. Kule mihla yeGPS, sonke sineemaphu sikhangelana ngemiqondiso.

ISabatha ingumqondiso wantoni? Funda: Eksodus 31:13, 16, 17. Zeziphi iindlela esinokukusebenzisa ngazo kuthi oku kuthethwa apha, namhla, thina bantu bakholelwa ekubeni ngunaphakade komthetho kaThixo?

Nangona la mazwi ayethethwa ngokukodwa kuIsrayeli wakudala, thina bangabakaKristu siyi“mbewu kaAbraham, neendlalifa ngokwedinga” (*Gal. 3:29*), kwaye iSabatha namhla isenguwo umqondiso phakathi kukaThixo nabantu baKhe. UEksodus 31 uyabonisa ukuba iSabatha ingumqondiso waphakade kaThixo (okanye ongunaphakade) womnqophiso (*Eks. 31:16, 17*). Lo ngumqondiso osinceda ukuba “simazi ” uMdali wethu, uMhlanguli wethu, naLowo usingcwalisayo. Kunje ngebhanile ethi iphakanyiswe zonke iintsuku ezisixhenxe yaye isebenza njengento yokusinceda ukuba sikhumbule, njengoko sikholisa ukulibala.

ISabatha kaThixo isisikhumbuzo esizingisileyo semvelaphi yethu, inkululeko yethu, apho siya kuphelela khona, noxanduva lwethu kwabalahlalelw ngaphandle nababukulwayo. Inyaniso yethi, iSabatha ibaluleke kakhulu kangangokuba endaweni yokuba thina siye kuyo, yiyo eza kuthi, ngazo zonke iiveki kungekho ishiywayo, isikhumbuzo saphakade sokuba singoobani na, ingubani owasenzayo, iyintoni asenzela yona, nokuba yintoni aya kusenzela yona ekugqibeleni xa esenza amazulu amatsha nomhlaba omtsha.

UThixo ongcwele umema abantu abakunye naYe emnqophisweni ukuba baqaphele isingqi esilawula oko kunentsingiselo ngokwenene—ulwalamano olusindisayo phakathi koMdali noMhlanguli kwakunye nendalo yaKhe ephumileyo endleleni. Ngazo zonke iiveki, ngamandla negunya elivela kuThixo, siyayalelwa ukuba singene ekuphumleni esikunikwe ngesisa kuKristu Yesu, “iMbangi noMgqibelelisi wokholo lwethu, owathi, ngenxa yovuyo olwalibekwe phambi kwakhe, wawunyamezela umnqamlezos” (*Heb. 12:2*).

Ungakufunda njani ukuba namava anzulu kakhulu noThixo ngeSabatha?

Ingcamango Eyongeziweyo: “Iveki yonke kufuneka sibe neSabatha engqondweni sibe silungiselela ukuba siyigcine ngcwele ngokomthetho. Akufuneki siyigcine nje iSabatha ngokutsho komthetho.”—Ellen G. White, *Testimonies for the Church*, vol. 6, iph. 353.

“Izulu lonke ligcina iSabatha, kodwa hayi ngokulova nokungenzi nto. Ngale mini, onke amandla omphefumlo kufuneka aphaphame, kuba kanti asizokuhlangana noThixo noKristu uMsindisi wethu na? Sinako ukumbona ngokholo. Ulangazelela ukuhlaziya asikelele yonke imiphefumlo.”—iph. 362.

“Okufunwa kuThixo kukhulu kakhulu ngeSabatha nangaphezu kweminye imihla. Abantu baKhe baye bashiye iindawo abasebenza kuzo ngokwesiqhelo, bachithe ixesha becangca, benqula. Bacela kuYe iintsikelelo ezininzi ngeSabatha kuneminye imihla. Babawela ezona zikhethekileyo iintsikelelo. UThixo akalindeli ukuba iSabatha idlule aze andule ukubanika ezi zicelo. Umsebenzi wezulu awuze ume, nabantu akufuneki baphumle ekwenzeni okulungileyo. ISabatha ayimele ukuba ibe lixesha lokungenzi nto. Umthetho walela umsebenzi wehlabathi ngemini yeNkosi yokuphumla; umsebenzi wengeniselelo kufuneka ume; akukho msebenzi wokuzuzwa ubumnandi behlabathi okanye ingeniso ufanelwe ukwenziwa ngokusemthethweni ngaloo mini; kodwa, njengoko uThixo wawuyeka umsebenzi waKhe wokudala, waphumla ngeSabatha wayisikelela, ngokunjalo umntu kufuneka awushiye umsebenzi wobomi bemihla ngemihla, azinikele ezo yure zingcwele ekuphumleni okunempilo, ekunquleni, nakwizenzo ezingcwele. Umsebenzi kaKristu ekuphiliseni abagulayo wawuhambelana ngokugqibeleleyo nomthetho. Wawuyinika intlonipho iSabatha.”—Ellen G. White, *Ulangazelelo Lwamaphakade*, iph. 207.

Imibuzo Yokuxoxwa:

- ① Ukukhathalela okusingqongileyo kusuke kwazaliswa kakhulu ziingxoxo zopolitiko kumazwe amaninzi. Thina njengama-Adventists singenza njani ukuba sibe ngamagosa alungileyo endalo ngaphandle kokungena kwiingxoxo zopolitiko?
- ② Umsebenzi uqala engqondweni. Singayikhuthaza njani imo yengqondo yokuba luncedo kwabo basingqongileyo (iintsapho zethu, amabandla, noluntu esihleli nalo) ngomoya wemvakalelo? ISabatha isinika njani ithuba lokuba sikwazi ukwenza loo nto kanye?
- ③ Zonke iiSabatha siyakhunjuzwa ukuba uluntu lwadalwa nguThixo. Oko kusenza ukuba sibabone abantu ngamehlo kaThixo. Imele ukusineda njani iSabatha ukuba sikhumbule ukuba ubuhlanga, ubuzwe, nomgangatho womnotho, kunye nokwahlukana ngesini zizinto ezingangeni ndawo xa kufikwa ekwenziweni kwethu ngokomfanekiselo kaThixo nakwilungelo lokuzuzwa uthando lwaKhe?